**Thesis**

**(isiXhosa component of dual language submission)**

# Ndoxoza Mphini Wumbi!

Submitted in partial fulfilment of the requirements for the degree of
Master of Arts in Creative Writing
of
Rhodes University
by
SANDILE DUDU SAKI

November 2018

# IZIQULATHO

Intshayelelo ........ 2
Ntliziyo yam ........ 3
Isingqala sembongi ........ 4
Ukufa ........ 5
Ungubani na wena? ........ 6
Uyabizwa Lithongo ........ 7
Ubuciko beembongi ........ 8
Umabil' ebanda ........ 9
Isiyobisi ........ 10
uNgxowankulu ........ 12
Ukunyoba ........ 13
Lumnka wabanjwa ........ 14
Umphixanisi ........ 15
Umntu onesidima ........ 16
Umntu onomdintsi ........ 18
uNongwadla ........ 19
UTitshala uLamani ........ 20
Intaba yeZono ........ 21
uLoliwe ........ 22
Zange bazenyise! ........ 23
UMnu. Ngxoweni ........ 25
Qhiwula! Kwedini ........ 26
Ithemba ........ 27
Ingoma ........ 28
Indida ........ 29
Inzondo ........ 30
Ndoxoza mphini wumbi! ........ 31
Ndinqwenela ukuva ingoma ........ 32

**Intshayelelo**

Le thisisi yingqokelela yemibongo enesingqi nefuthe endilincance kubabhali endihlangene nabo kwezi zifundo endingabala kubo uMxolisi Nyezwa, Rustum Kozain nabanye. Injongo yale thisisi kukonwabisa; ukucebisa mhlawumbi ukuthungulula iintongo emva kobentlombe. Maxa wambi ikukukhahlela nakwabo baye banegalelo kwizinto-yinto zokuhlala ngakumbi iimvumi zikaMasikhandi ezifana noMlindelwa 'Inkunz' emdaka' Mralatya owaziwa njengovulindlela kaMasikhandi kwisizwe sakwaXhosa siphela. Bakho ke ababhali abasingqi sabo sindithimbileyo, naba bugcisa ndibuthandileyo endingabalula kubo uMzwandile Matiwana, M. S. Mlandu, Fundile Majola, John Solilo, J. J. R Jolobe kunye noS. E. K. Mqhayi. Liyavakala ifuthe labo kule mibongo, ngakumbi isingqi nokusetyenziswa kolwimi.

**Ntliziyo yam**

Ungumniki wobomi kum
Saziwa nguwe esindifaneleyo isabelo
Esethu isibhambathiso asinakuqhawulwa ndisaphila
Ukuba ndikuphatha ngenkathalo nawe wondigcina noko
Ungunjin’ ayipholi kub’ uhlaziya uhlobise
Loo mthombo ompompoz’ imini nobusuku
Ungumafung’ angajiki nokuba sekunyembelekile

Ntliziyo yam
Mhlaziyi wobomi kum
Aziwa nguwe amabibi endiwagcin’ esapha
Ukant nezintle ndikwaziqulunqa nawe
Ukhe wandikhohlisa ngenye imini
Ndaz’bona ndiqabel’ induli kaxakeka
Ndaya kujinga phezu komhadi kantsonganyawana

Ntliziyo yam
Mphembeleli wolonwabo kum
Untyunty’ ungemi mhla ngolonwabo
Ndikuv’undlandlathek’ ugil’ izicithi ndakukhubeka
Kuba kambe ulonwabo lwam ndilulinganisa kuw’ apha
Ukanti nodandatheko kukwanjalo

Ntliziyo yam
Siyimbumba yamanyama
Sakohlulwa lutshab’olungenalusini

**Isingqala sembongi**

Intliziyo yam imanxeba-nxeba
ndakulila suka phoko igazi
ndakuvula umlomo tha amahlwili
suka ndingqukruleke ukufa kundivale
kuba ngengqondo siyalambatha, ngengqiqo sitshabhile
amazolo ngawo asizalel' intiyo
kanti kwanokuthiya oku, kuwo sikuxhomile
elokucinga ithuba silincamile
ngokufunzelwa ngomfunzo wesikuhlanze kwangezolo
amadlelo engqiqo atshabalele
ukanti neempompi zeengcinga zomile
abaxhuzul' imikhala baqatsele
nophungela bamtsibile
bayazigqibela uluntu bengalwazisanga
babuye bavale uluntu lungaxolanga
bayayenza loo nkwalambiso
kodwa iingcebiso bangazisele so
ngokwenjenjalo ityholo labo lokusithela
nomthunzi wabo wokuphumla
ngelindle bayawuzindela
kazi bakuthini mhla ligqats'ubhobhoyi?

**Ukufa**

Sisithokothoko sesithwakumbe
Isilonda esingenabande
Imbodl’ endolosa ngobututu
Intw’ edla ngobuthuntu
Bade bambi bathi yintlavubela yentlekele
Isanzwili esiwutsh’ umzi uthokombise
namadoda angqukruleke

Yintsindabadala eyoyise noosiyazi
Ishwangush’ elingeva kuchilwa
Ulwamvil’ alibonwa
Kubonw’ izenzo kuphela
Tshaba lokugqibel’ ukubhangiswa
Lisel’ elingenantsim’ ankosi

Yinqwelo ethutha ithululel’ eluthulini
umloth’ ovuthuzwa eluthuthwini
yinkunz’ abayichasileyo nabakulononibe
ulwagcibe oludidimbel’ esapha
ludidimb’ umlisela nomthinjana
ludidimb’ iinkonde neenkondekazi
ukuze ziyapho kungayi lubuyayo.

**Ungubani na wena?**

Uzandla zirhinirhini kukubhuc' ububende
Sikubona ngezenzo zange sakwalama
Nebala lakho akekho onokulinakana
Unolwamvil' olunobuzaza nolushiya iindwayi neendwadunge
Awunasithinteli uvula apho kuvalwe khona
Ugqobhoz' iintango ushiy' imizi ineentanda
Ugqugqisile kambe awunantanga
Awunantsim' ankosi uthezel' emnxebeni
Kuba usithi kubamb' ezingelayo
Kambe nawe useza kubhajiswa ngesigu sakho
Uluntu lophumla mhla wabhaqwa
Nomhlaba uyakuzola mhla wanechiza

**Uyabizwa Lithongo**

Loo ntsholo uyiva ukwesikabhadakazi
Loo nzonzobila yesithabazi
Elo lizwi linkenteza xa uzidlel’ imu

*Lithongo liyakubiza*

Igqongqo kwintshinyela yehlathi
Isandi sesigodlo kumathafa aluhlaza
Ingoma kumazantsi obuhlanti

*Lithongo liyakukhweba*

Lithi sondeza ezakowenu izihlwele
Lithi qwalasela kweyakowenu imilowo
Lithi sabela ezakowenu izilo

Lithi vingcan’ amazibuko liyezisa
Lithi ngenisa iintsasa kusibekele
Lithi qhiwul’ amatakane liyandila

*Ithongo liyathetha*

**Ubuciko beembongi**

Ngumdiliya wempilo
Ochume eziyolis' umxhelo
Zithi thob' umxakatho
Yimvaba ephuphuma ingqaka
Ucwambu lokwenene
Buyanambitheka, ungavimb' ixhegokazi lisifa ngamehlo
Ukanti bukwalikhala ukukrakra
Iyeza lesanuse ukuphilisa
Ubugqi bomthwa ngengqiqo
Umtsi wekati ukukhawuleza
Mna ndithe kwatanci ndithetha ngobuciko beembongi ezinobuncoko
Hayi iziqhwaga namayilo
Ndithetha ngeziswenye kulwimi-nkobe.

**Umabil' ebanda**

Ngumabil' ebanda ubhelu lomsele
Ukhula oluthimba luthintele neengqondi
Ngumabil' ebanda umthibazi
Umthibazi wengqiqo odŏdobalis' umzimba
Yinkanyamb' egqugqis' itshayele nobunguwe
Ishiya amakhoba namakhohlombe
Lithumbu lide lisengwa ngabalithandayo
Ngumtha wedolo lumka wenzakala
Ngubhodl' ifuqasi kwabamdlileyo
Nguvumba limyoli lokurhwebesha amadoda namankazana
Lirhamba elimthendevu eligqib' umlisela nomthinjana
Yinkungu erhuq'emini lihlab' umhlaba
Sisihlava esingenantsim' ankosi udubul' egeqa
Ngudl' omdlayo isilo esingenamkhethe
Kuba kambe sithath' izinhanha
Zesigqibele ngebhulempu
Ngumful' okukhweb' ukude
Ukuz' uthob' unxano
Ugqibele ngokuntywilisela uyekutshon' ezantsi embodleleni
Wakurhaxwa sikuhlanzele ngaphandle kuba sifuna abanye

**Isiyobisi**

Lukhula oluminya luminx' iingqondo
Luval' amazibuko esazela nengqiqo
Livumb' elimnandi lonambitheko
Umanz' amyoli ukwehl' emqaleni
Umadolw' anzima ukuy' emandlalweni

Nguphoko-phoko wesisi
Ogqibela ngaloo nyosho-nyosho ukuhamba
Kanti nalo ivumb' alinanzw' ekhapha
Kub' amanzi siwagqibela mhla mnene
Ngumdali weenkendama
Unozala weendwadunge
Isizekabani sogezo
Umphembeleli weentswela boya

Yinqwelo ethuth' ise kwaguqa
Zimi ngeembambo izisele
Ziyaphuphum' izibhedlele
Uluntu lungcwab' umhla namazolo
Intsika yobuhenyu nobutshijolo
Ngunozala wenkohlakalo
Yimbangi yobusela
Umphembeleli woovilavoco

Lwangqukrulek' uluntu
Samantshiyan' isizwe
Kwakungena lo phoyiyane
Imbo yaba yinto yamfamlibe

Ithemba latsiba ngefestile
Kanti nothando salungcwaba
Kambe ukufa kusembizeni.

**uNgxowankulu**

Mna ndinguNgxowankulu
Ungxow' ayibotshwa, uhobolozela, uhlohl' esakhe
Bambi bade bathi ndingu galel' ebhayini
Iinkokheli ndizityhefile ndazityhaphaza
Ngobam ubuhlungu ndiziqobile
Ndibeke oosoPolitiki phezulu
Ndasekela ngobulungiswa
Ndaze ndalandelisa ngeenkonzo
Bonke bazibon' ubunganga bengento
Abohlukanga kwezizityhifili endizityale kumagoph' ezitalato
Noomahlal' ezirhoxweni bonke basebenzela mna lo

Mna ndinguNgxowankulu
Ungxow' ayibotshwa, uhobolozela, uhlohl' esakhe
Bambi bade bathi ndingu galele' ebhayini
Ndibohlukanisil' abantu bezalana
Ndaziqhekez' iinkonzo ndayiphanzisa nemibutho
Ndizibonil' iimfazwe ukanti zimi ngeembambo iintolongo
Nasezibhedlele iincwina zitsho njalo
Ivumba lam libubungcwalisa bomhlaba
Nabandidalayo bame nematha
Ndim injinga andinantanga.

**Ukunyoba**

Ngumkhub' onomdintsi nondibangel' iscefe
Woochamel' esandleni ubuye undithengel' isiselo
Sibe nokuyibetha ngoyaba le ndaba
Ibe yeyakwamkhozi
Ndinik' uthul' ufe ukuze nditye tyum
Kakade unqweme lwenkawu ludliwa babini
Kodwa ke wokhumbula
Iimpungutye ezincinane ziyawugqiba umyezo

**Lumka wabanjwa**

Okungaphezu kwamandla akho ungakuthwali
Ulume kuphela okulingeneyo umthamo
Lumkela ukuthwala amacangci ligqutha
Uyakudla uzilinganisela, ungomso uyeza
Impilo ayiphangwa, nqwa neyeza
Amacephe amathathu ngemini
Ukhokelise ithemba
Ukhale kwakuthi shuu!
Ubuze wakuxakwa
Ukhumbule ngumzimba omkhulu
Umboko libakwana
Ukanti nembovane iwuthwal' iwubek' umnyiki
Ngamafutshane lumka
Ungabhajiswa ngokunyoluka

**Umphixanisi**

Ngulwimi lumbaxa inyoka yobhedu
Ugqobheleni umcephe wokuphaka
Umbambo ziyavuza ongahlalwa nto
Kwakuthula uyangqukruleka
Kwakuzola ufike esisitheka

Ngumanxiwa akamili ngenxa yezimbo
Inkom' edlayodwa ngenxa yemikhuba
Kwizindlu zokuthandaza udal' izaqunge
Nasezimbarheni ikwazizadunge

Kwangenj' ivuka uthung' ilali
Nezinja zokuhlal' azisamnaki
Kuba kambe yaziwa nguye imicimbi
Kanti nemibiko ibuzw' ekhapha

Nabantwana belali sebemazi
"S'hlobo ungandenzi, ndikuxelel' ba inguwe"

**Umntu onesidima**

Uxabisekil’ umnt’ ongelotshijolo
Ongankqangiyo futhi umhla nezolo
Ongaguqukiyo kwimo ayiyo
Unesidima umntu onjalo
Uxabisekil’ umnt’ ozithobileyo
Ongelotshafu-tshafu futhi ongahlebiyo
Uxabisekil’ umnt’ oqiqileyo
Ongagqibiyo ngangakuqondiyo
Nanko k’umnt’ onesidima

Uxabisekil’ umnt’ onenyaniso
Ongaxokiyo nongathengi buso
Uxabisekil’ umntu wenkonzo
Ongacengiyo futh’ enganyeke nzuzo
Nanko k’ umnt’ onesidima

Uxabisekil’ umnt’ othand’ ucoceko
Onganqeniyo nonomfaneleko
Uxabisekil’ umnt’ othand’ usapho
Ongcamango zikweyakh’ intsapho
Nanko k’ umnt’ onesidima

Uxabisekil’ umnt’ ozizamelayo
Owanelayo futhi ongarhaliyo
Uxabisekil’ umnt’ onothando
Ongenalunya nankohlakalo
Nanko k’ umnt’ onesidima

Uxabisekil’ umnt’ othandisizwe

Oyithileyo nok’ imfazwe

Uxabisekil’ umnt’ onobuzwe

Otyhilekileyo mhla ngenkxolazwe

Nanko k’ umnt’ onesidima

**Umntu onomdintsi**

Unomdintsi umntu onomona
ongabanqweneleliyo okuhle abanye
Unomdintsi umnt' owal' ukucetyiswa
ongenangqalelo futhi onguzwilakhe
Unomdintsi umntu olinqenerha
ulwantwentwe ngomlomo
ingcathu ngemikhono
Unomdintsi umntu olilokonya
olala apha avuke phaya
injilaphethu engenakuthembeka
Unomdintsi umntu ohlebayo
kwabanye ubona izibakala
Unomdintsi umntu onekratshi
unolunya futhi usingela phantsi
Unomdintsi umntu onentlamba
umhla nezolo soloko ethukela
Unomdintsi umntu ongenanjongo
osoloko erhuqela kwaTese
ongabonisi kwenza, ephuhle ngentetha.

**uNongwadla**

Lirharh' elisoloko
liphahlwe lihlokondiba
uchwenene wesihandiba
undumzela kube kanye
kuqhushumb' isqhazolo
ngumkhululi wamaqhina
umhlanguli kumayilo
ukwaliciko ukuvuma

uNongwadla

Ubalulwa ngezintsompothi
Emathekwen' akaz' kumenywa
Sisizungu akungabikho
Mbone engquvela ngaseziko
Usixabisile isisu sakhe
Yiv' abantwana bemdlalisa
  "MakaNondubela
        Ndiyayifun' izol' am
          makaNondubela
              Ndiyayifun' izol' am."

**UTitshala uLamani**

Ngundwangundwangu isihlangu sendoda asinxitywa mfazi
uNdoda ndawufa ndiguqile kub' umlomo untshuntshu zizintsompothi
unkunz' ayibekwa izibekile
usambatha zinde kub' usab' amakhaza
ulokhanyisa ngevithi necwilika umatshisi ekhona kanti komlungela
unduma zingaphezulu kuba sisithsaba sendoda
umqhagi awukhonyelwa usiva ngokwawo isifingo
umthi awuvunelwa ngxoweni ngenxa yesiqhamo ukusinda
ngunyawo zinodaka kukukhankathel' isizwe
inkunz' engadingi ndumasiso kuba yandulelwa zizenzo
imbulaphu ecaleni kwesilonda mhla ngogayi
iinkabi zegusha ziphala emva kwesiphango
imbabala yolwantunge mhla ngombhoxo
uskhotsholo siphamb' abazingeli
umfo ongafihli makhuba kulinywa
kub' esithi waphuma kweli mafihla
waze wadula kweli matyhila
uhash' alikuwis' ungaliqabelanga

Heeke!

**Intaba yeZono**

Ngumavela tanci usakuwuvelela umzi kaMakhanda
Ngumankankela osel’ ezibika ngamatshand’ ubudala
Ngumlomo awubiki nto, usifuba sifumbethe amabibi namanyala
Ngugilikankqo omi ewusinekel’ umzi kaMakhanda
Ngumtshakazi owombeth’ umnweba wenzila
Ngumhlolokazi ozilel’ iintsapho ze-Azaniya
Ngumehl’ akaboni ndicela nimbonisel’ utshaba
Nguntshinyela ziyingubo yokwambathis’ uhlanga
Nguntlok’ iinenduma zokulwel’ ikhaya
Ngumqolo umbombosholo kukubelek’ usapho lukaMakhanda
Nguzandla zirhini – rhini ligazi lamaqhaw’ e Azaniya
Ngumzali osingath’ iintsana zakhe engenacala
Ngumalusi odimbela buhlantini bunye engabuzanga
Ngumhlab’ oqhunqu kukubhodlelwa zinkanunu zamadlagusha
Ngusazel’asipheli, ulitye-lenyengan’ ongafun’ ukunikezela
Ngumniki themba ngembalela, umsusi weentsizi kwabadikwe kuk’ xhwaleka
Yiyeken’ intab’ eZono nezono zayo
Yiyekeni le ntab’ inenkohlakalo
Yiyekeni lentab’ izixholo-xholo
Yiyekeni le ntab’ imazinyw’ azixhobo
Kuba kamb’iwusintsithile umzi weMakhanda sihleli
Kuba kamb’ iwuhlezil’ umzi weRhini sibukele
Kuba kambi ilugqibil’ usapho sikhedamile

**uLoliwe**

Songololo lini eli lintaba zininzi?
Ngubhol’ intaba kuvel’ umzila
Ngumathath’ ebeka inqwelo yamahili-hili
Yintshembexa yenyoka eginy’ ibimbiliz’ amadoda namakhosikazi
Ngethemba lokubasa kumarhiwu aluhlaza

Silo sini na esi sibhodla kuphokok’ umsi?
Ngumdlambila, intulo matye maninzi
Ngumbambo zithe mome ngamathol’ omgquba
Yinyok’ esisu side edume ngokurhubuluza
Nab’ ulele, nyok’ ende ecand’ amathafa neziziba

Gqoloma mni na lo ogqib’ izizwe?
Nkcabankcaba ebisakuzakuzel’ uNyama’ yipheli
Uwagqibil’ amadoda uwathuthel’ emathunjin’ omhlaba
Uyigqibil’ imizi ngokusiphul’ iintsika
Uzishiy’ iintsana zijweda, abafazi bebambe ongezantsi

Huntshu! Kambe nqwelondini enomdintsi
Cothozela kude mcwangele undicezele
Kuba kambe okwakho kokwezandla
Ndulukandini bashiye begobh’ izidlele
Ukuze wakubuya batsho ngoluka *Blankethe*!

**Zange bazenyise!**

Uqaqaqa ndikulungele ukumnabela
ngoba inkohliso sele indidikile
ndithetha nje isicefu-cefu siyandongamela
ndihamba nje ndizigqumile
ukuze ndingaliboni eli hlazo namanyala
umhla nezolo ndiyantywizisa
akungeni ndiyafixiza
ndirhaxwa ligazi macala onke
utsho umzimba udude wonke

Ndinkwantyiswa zezi nkothovu
ezi bhokele ukubhuntseka ubudoda bazo kwintsana
ndibuye ndihlasimliswe ngala madikazi
aphikel' ukupikinca kwa ezi ntsana
Bonke bami ngazwi nye
"zange bazenyise"

Ndikruqukile ngulo mkhuba
wokudlwengulwa kwamaxhegwazana
kuba eswele amandla okuzilwela
Ndoyisiwe bubulokonya
kwabo baxhuzul' imikhala
nabazihlalo ziphezulu
abalala neli bavuke neliya
injila-phethu zokwenene

Uqaqaqa ndikulungele ukumnabela
Ukuba ngokubhentsisa kwam inyani

nangokumbulula kwam la mabibi
olunenkume ndizithezele
ndazithwalisa inyanda yamatye
ngokuzek’ ukufa kuxel’ ithamsanqa
kuba kambe umlomo awunasiziba

**UMnu. Ngxoweni**

Umshumayeli wokhanyo
Inkintsela ngolwazi
Injongo kukufunzel' imibundlwana
Kanye okweentaka ngongcwalazi

Okomalusi enonophele izimvu
Wenjenjalo naye ngomonde
Ukukhalimela ubumnyama
Kanye okwegqirha lipheth'umhlola

Upheth'uswazi ngesokhohlo
Ibe yincwadi ekunene
Injongo kukunonophel' imvelo yamhlamnene
Ekwaqhuqh'inkwethu yokungazi

Okukantsho eqwalasele amantshontsho
Wenjenjalo naye eqaph' isimo
Uhl'esenyuka phakathi kokrozo lweedesika
Kanye njengomvuni weepesika

**Qhiwula! Kwedini**

UKhetsekile ungxang' emnyango
Ikati ayifuni ukwalana neziko
Iintsimi sele zifuna ukuba lifusi
Neendlela eziya koovimba zenile
Kunqanqaz' unogqaza, nedladla likhal' ibhungane
Iziswenye zisele ngemipha

Amaselwa atshw' ikhwelo
Iintsengwanekazi zaaphenduka izaqhaga
Sele ifunzel' ukwany' etholeni
Lakwala igwev' exerha
Nesigodlo sithambekile
Abantwana bafincelel' iimvaba

Amadoda akralise izisu
Akukho nkwal' iphandel' enye
Nenethole isondela kugovan' etholeni
Abafazi, iintshembenxa
Kukwanyiselel' amadoda
Intsana zikhala zome zingena mnanzi
Qhiwula! Kwedini
Kuyonakala!

**Ithemba**

Ngums' obomvu owandulel'ilanga
Emva kwesithokothoko esingenanyanga
Umnyama emva kwesichotho
Ikwayinzolo emva koqhwithel' olumandla
Loo ntsholo yeentaka zibulel' ophezukonke
Zizingqi zamadoda esiya kuxelengel' impilo
Intliziyo ixhumaxhuma ngemincili
Kwisifuba esifumbeth' uthando
Ngumbulelo usawusindlekwa ngobubele
Yintong'esekhosi kwabathokombisileyo
Inkwenkwezi esemantla, isikhokelo kubahambi
Lilitha elikukhanyisela sowukwabhadakazi
Ingoma ezingileyo usawucand' iintsunguzi
Ngumthuthuzeli okumbhambhazela ngoyolo
Umfudumezi kumaqhwa angenalusini
Ngumlondolozi usakufulathelwa ngabahlobo
Lilo elo ithemba lokwenene!

**Ingoma**

Intliziyo ziingceba ayinambumbi
Ameva, amava sele 'phukisele kwiinyawo zobomi
Uyafifinga ukujonga amehlo aphuphum' iinyembezi
Indlebe okwesela ithimbeke kweso singqi
Nomphefumlo okwethutyana walane nezi zanzwili
Ingqondo ithath'ibeka ikusa kwiintili ngeentili
Iqweqwediswa luhlaza notyani
Olondele kwisandi sengom' engumphembeleli wothando
Kuxhawulane imiphefumlo ingazani
Ithinjwe sisingqi yakhohlwa ngolwimi
Yingom' engenabala futh' ingacaluli
Ibumb'ezongceba zingenakumbi
Ipholis'iinyawo, isul' iinyembezi
Yandul' ikukhwebele kumthomb' omanz'amyoli
Usakuthob' unxano ikwange ikubek'esifubeni
Uzobozeke ngamazwi aloo milonji nemilonjekazi
Okomzuzwana 'khe zilibalek' iindzingo zobomi
Yoyi!!!

**Indida**

Zingqukrulekil iimbongi
Kwayiloz’ amaciko
Amaxheg’ aacinyelwa ziinqawa
Amanin’ asathokombisile nangoku
Kwajwed’ iintsana, izinja yimikhulungo
Isikhova sibonw’ emini
Abafana bayal’ ukubuy’emadlakeni
Akusekho nendawo yokunyathela
Sichankcatha phezu kwegazi
Iinyembezi zinqumlez’ umbombho
Umhla namazolo ukufa kusithimbile
Kudidek’iingqondi
Kwakhamnqisek abaProfeti
Kwalambath’ iinkonzo
Zema ngeembamb’ imbarha
Lwakhukulek’ulutsha
Zageqek’iinkonde neenkondekazi
Kwavilaph’ amasoka
Zabun’iintyatyambo ngokuswel’ umnkcenkcesheli
Wacim’ umlilo akukho mkhwezeli
Salambath’ isizwe
Kwaqatsel’ ubundladiya
Watsho esimantshiyan’ umakoti
Zanxakam’iindlezana
Ngokusikwa yinimba

Mayibenye bazali!!!

**Inzondo**

Yinkungu engenabulali, egubungela ngesiquphe
Ingcalangcala efukama kubushushu bomsindo
Ikumfamekise ngentiyo, ikuthundeza ngobuthulu
Ikukhokelela kwintlambo yobhubhiso
Isithokothoko sobusuku obungenanyanga
Lihash'eliphala lingenamkhala
Lishiy' iziqwenga lidal' indwadunge
Ngumphembeleli wezililo nodandatheko
Ikrele elintlangothi mbini
Eliyingozi nakoliphetheyo

Lubizo lwakwantsonganyawana
Umphembeleli wezililo kwanodandatheko
Isivuthevuthe esivuthuza ngesiquphe
Umdilizi weendil' ozanezililo
Uz'embeth' ingubo yolonwabo
Kanti uquleth' ingqumbo engenambaliso
Akananze kukhwazwa, enganyeke kubizwa
Ukuz'akubuzw' athi bendingaqondi
Wolumka ke uzeke kad'umsindo
Uz' ubuy' ugwem' inzondo

**Ndoxoza mphini wumbi!**

Ithemba lam lakuhla nomfula
Nothando selugcagce nabakhohlisi
Iingqondo ithand'uba buthundu
Amehlo am athe kratya intwana yenkungu
Umoya wam undlandlathekiswa yingqumbo
Namehlo alephuza amadangatye omsindo
Kwiingcango zentilongo ndinkqonkqoza ngophakathi
Ndakumiswa yintsholo yesijwili
Zobuya iingqondo ndime bhuxe
Kwalunqa ndingasenazihlobo
Zobuya iingcinga ekuphalaphaleni
Kuba naku ndimi ndodwa kwiintaba zosizi
Intlungu yam ayinamnanzi
Neenyembezi zam azinamesuli
Nehashe limenqile kwangqulek' inkweli
Ndoxoza mphini wumbi!

**Ndinqwenela ukuva ingoma**

Ndinqwenela ukuva ingoma ezukileyo
Ikhatshwa sisandi sezandla ziyiqhwabela
Nentswahlakazi yamazwi eyombelela
Isingqi seenyawo zifunqul’ uthuli
Ukutyityimbha komzimbha
Nokujijeka kwesinqe
Kuzokucac’ iidyongo kumakhwenkw’ amadala

Ndinqwenela ukuva ingoma enodlamko
Itsho kuphel’ ingevane konentaka
Aqubul’ ezakhe aphathelele
Kutyityimbh’ amagxa kubhayizel’ iinyawo
Zivakal’ izingqi zentyulubi kuzoded’ igangxa

Ndinqwenela ukuva ingoma eyonwabileyo
Ithuthuzel’ onomvandedwa
Ibuy’ ipholis’ intliziyo
Kuloo manmxeba okuntlalwa bubomi
Nakwezo ziva nemivinya ibelikhambhi
Kumzimbha oquleth’ uthando
Ibe lulonwabo
Ndinqwenela ukuva ingoma.